Nanjengokuba kuchaziwe kwisiCwangciso sokuHamba koMsebenzi soNyaka seKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC), ukubanjwa kweendibano zengxoxo rhoqo ngekota ngethuba iintlanganiso zaMabhunga eNkcubeko neKomiti yaMaziko eNkcubeko zazibanjwa kabini ngonyaka. IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni ikhethe abantu abasuka kwikomiti yesalathiso solwaluko nenika iingcebiso kuMphathiswa malunga nemiba yendawo elungele lo msebenzi wolwaluko. IKomiti yeSalathiso soNgeniso yabamba intlanganiso ebanjwa kanye ngonyaka apho banika ingxelo yeziphumo zexesha lonyaka lolwaluko kubusika obuphelileyo benza ulungiselelo lolwaluko lwexesha lasehlotyeni. Izindululo ezenziwayo ziiKomiti zeKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni zandlalwa ngaphambili ukulungiselela ukuthatha izigqibo kwaye zavunyelwa kwiNdibano yeNgxoxo.

2.3 Uphuhliso lomgaqo-nkqubo ongundoqo notshintsho lowiso-mithetho

Ukuqalisa kokusetyenziswa kwenkqubo yeencwadana zezixhobo ezisebenza ngombane kwabangela imfuneko yokulungiswa koMgaqo-nkqubo waMaziko eZenkcubeko ukuwamanyanisa nenkqubo entsha yomgaqo-nkqubo wokubhukisha.

2.4 Iziphumo zoBuchule eziSekelwe kwiiNjongo

Injongo eCwangcisiweyo	Ukukhuthaza, ukuphuhlisa nokwenza utshintsho kwimisebenzi yenkcubeko eNtshona Koloni
Inkcazelo yeNjongo	<ul style="list-style-type: none">• Ukunyusa izinga nokusetyenziswa kwamaziko enkubeko ngabantu abahlala eNtshona Koloni• Ukukhuthaza unxibelelwano lwenkcubeko ngokubamba iingxoxo namabhunga enkubeko kwano;• Ukukhuthaza umanyano phakathi koluntu.

3. INKCAZELO NGOKUHAMBA KOMSEBENZI NGOKWENKQUBO/UMSEBENZI/INJONGO

INKQUBO

I-Khomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni

INGCACISO

IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni isebenza ngemiba emithathu ngokommiselo weKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni kunye noMthetho waMabhunga eNkcubeko, uMthetho 14 ka-1998. Le miba iqwalasela imisebenzi yeKhomishoni, ukuyibiza:

- ukuphatha, ulawulo, uphuhliso nokugcinwa kweempahla zecandelo ezihanjiswayo kunye nezi ngenakuhanjiswa (oku kuquka ulawulo lwamaziko enkubeko asixhenxe);
- ulawulo lokubhaliswa nokuCinywa kwaMabhunga eNkcubeko asele ebhalisile
- ukucebisa uMphathiswa (MEC) ngobona buchule bokufezekisa isigunyaziso seKhomishoni.

Amanyathelo okulondoloza Amanzi

I-Khomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni inegalelo lokwandisa ukuba sempilweni nokuncitshiswa kwezigulo ezihlasela uluntu kwiindawo zasekuhlaleni ngokubonelela ngesimo seendawo ezikhuselekileyo nezi zolileyo kumaziko enkubeko nokuququzelela amathuba okubanjwa kweengxoxo phakathi kwamaqela asuka kwiinkalo ezohlukeneyo. IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni lphendule ngokweemfuno zoluntu malunga neengxaki zamanzi ngokwazisa ngeendlela zoku londoloza amanzi kuwo onke amaziko. Endaweni yokusetyenziswa kweeshawari kwasetyenziswa ezinye iindlela zokulondoloza amanzi kunye nokufakelwa kwamatanki okugcina amanzi kwiziko laseSchoemanspoort. Kwafundiswa nabasebenzisi bamaziko ngokubaluleka kolondolozo lwamanzi ngokusebenzisa iincwadana nezibhengezo ezixhonyiweyo ezinika ulwazi.

Ukulungiswa kwamaziko

IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni igxininisa kwixabiso elikholisayo kunye neendawo ekumiswe kuzo amaziko kodwa inenxalabo nokhathalelo ngokulinganayo ngempilo kunye nokhuseleko lwabantu abawa sebenzisayo. Amaziko wethu akhiwe angumfuziselo ofanelekileyo kwabo bakhubazekileyo basebenzisa la maziko

Iziko laseOkkie Jooste lanikezelwa kwiSebe leZothutho neMisebenzi yoLuntu (DPWT) ngomhla we-18 KweyoMqungu 2018 ukuze lilungiswe. Le yinxalenye yesicwangciso sethu solungiso kwaye iziko lizakuvalwa ukususela kweyoMdumba ukuya KweyoMsintsi 2018. Ukubanjwa kweentlanganiso kabini ngeveki neqela lokhwakha, iSebe leZothutho neMisebenzi yoLuntu (DTPW), iSebe loKhuseleko loLuntu (DCS), iSebe lemiCimbi yeNkcubeko neZemidlalo (DCAS), kwano khuseleko kwizakhiwo ukuqinisekisa ukuqhubela phambili komsebenzi ocwangcisiweyo nokuchaza ngemiceli-mngeni nokuxoxa ngayo kuselithuba. Ukuchongwa kolungiso lweziko leNkcubeko laseBien Donne Monor House nelase Koekenaap. IManor House yabhengezwa njengeNdawo yeLifa leMveli kwaza kwafuneka ukuba iphuculwe ngokwesikhokelo soMthetho woButyebi beLiFifa leMveli kaZwelonke. Kufakwe isicelo ngokusesikweni kwiZiphath'amandla zeLifa leMveli kwano msebenzi uzakuqalisa ukuba kufumaneka imvume yoko. Ukulungiswa nokuphuculwa kwamaziko mihla yonke kusaqhubeka. Iziko leNkcubeko laseMelkbos lali namacango amawenziwe ngemithi angamaplanga nathi atshintshwa endaweni yawo kwafakwa amacango ealuminiumu nangawona womeleleyo kwiimeko zenkqwithela ezingakunxweme. Izindlu zokuhlala zokuchitha iholide zapeyintwa ngaphakathi kwafakwa neekhethini ezintsha kwanelineni yokuhombisa ibhedi.

Ukuphathwa ngokulinganayo kweenkcubeko ezohlukeneyo

IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni yamkela iinkcubeko ezohlukeneyo kwiphondo kwano kuqinisekisa ukuphathwa kwazo ngokulinganayo. Kwaqaliswa iinkqubo zokuhlangabezana nale ngxaki ngokumanayeneyo nezibonakalisa umfanekiso wembonakalo yenkcubeko kwiPhondo.

Iziganeko ezakhokelwa yikomiti yaMabhunga eNkcubeko yeKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) zadala amathuba kubantu beendawo ezohlukeneyo zasekuhlaleni ukufunda ngokwabelana ngengqiqo yobulumko namava embonakalo yenkcubeko kwiPhondo. Usuku lweLifa leMveli lwabhiyozelwa eSaldanha Bay ngeenzame zentsebenziswano neKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC), iSebe lemiCimbi yeNkcubeko neZemidlalo (DCAS), oomasipala, amabhunga enkubeko noTransnet. Le misebenzi ivumelama nokufumana amava kwabantu beenkcubeko ezohlukeneyo ngokumanyeneyo. IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni yaququzelela indibano yocweyo yomdaniso wolutsha olusuka kwizikolo ezithathu zamabanga aphantsi ezikummandla waseSimondium naseKlapmuts, kwane ndibano yocweyo yoqeqesho lombutho owenza imiboniso kwiSebe loPhuhliso loLuntu neKhomishoni yeLotho. IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni incedisana neSebe kwiinkqubo zalo zokukhuthaza, uphuhliso nolondolozo lomsebenzi wobugcisa nenkcubeko, ngethuba kubekwa phambili imiba yephondo ngokubanzi. Isigqibo sokubeka phambili iSaldanha neKlapmuts sesokugcina imbono yeNdlela yoBuchule obuSetyenziswa luLuntu ngokuBanzi (WOSA) bokuphucula ubomi babantu. Obu buchule busetyenziswayo kukudala intsebenziswano nabemi, oosamashishini namanye amalungu aseburhulumenteni kwiphondo nangokungaphezulu. IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni isaqhubela phambili ngesicelo sayo sokuhlenganisa abantu ngothetha-thethwano kwiindawo ezikhuselekileyo nokwandisa ubonelelo ngeenkonzo zethu kwamanye amaqela ngokubanzi.

3.1 Iinjongo eziCwangcisiweyo

Inkqubo/umsebenzi/injongo					
Isalathisi seeNjongo zesiCwangciso-buchule	Okona kuFezekisiweyo 2016/2017	IsiJoliso esiCwangcisiweyo 2017/18	Okona kuFezekisiweyo Actual Achievement 2017/18	Unxaxho kwisiJoliso esicwangcisiweyo kokona kuFezekisiweyo ngo-17/18	Uluvo lonxaxho
Inani lemisebenzi kunye neziganeko zokwandisa umanyano loluntu	24	19	20	1	Ngenxa yokubanjwa kwentlanganis o yokubekwa esikhundleni kwamalungu amatsha ama-4. Oku kwaqinisekisa iKhomishini enoMgaqo-siseko

3.2. Izalathisi zokuhamba komsebenzi ezingundoqo, izijoliso ezicwangcisiweyo nokona kufezekisiweyo

Inkqubo/umsebenzi/Injongo							
		Eziphicothiweyo/Owona Msebenzi weNziweyo					
Isalathisi sokuHamba koMsebenzi	Okona kufezekisiweyo 2014/15	Okona kufezekisiweyo 2015/16	Okona kufezekisiweyo 2016/17	Isijoliso esicwangcisiweyo target	Okona kufezekisiweyo 2017/18	Unxaxho kwisijoliso esicwangcisiweyo kokona kufezekisiweyo for 2017/18	Uluvo lonxaxho
Inani leziganeko zokuphucula ukufikelela nokukhuthaza intsebenziswano ngomnatha wothungelwano, ukubandakanya uluntu kunye noqhagamshelwano lwenkcubeko.	3	3	3	3	3	Alikho	n/a
Inani lamaziko aphuculiweyo nalungisiweyo ukuqinisekisa ukukheseleka nokufaneleka kwawo ekusetyenzisweni ngabantu.	7	7	7	7	7	Alikho	n/a
Inani eliphelileyo, leentlanganiso zesicwangciso-buchule sekomiti ephantsi kwenye ukunika iingcebiso kuMphathiswa.	14	14	8	9	10	1	Ngenxa yokubanjwa kwentlanganis o yokubekwa esikhundleni kwamalungu ama-4 amatsha. Oku kwaqinisekisa iKhomishini enoMgaqo-siseko.

IsiCwangciso-buchule sokuHlangabezana neMiba yokuNgahambi kaKuhle kweMisebenzi

Zonke izijoliso ezicwangcisiweyo zafezekiswa njengokuba kuchaziwe ngeminyaka-mali yango-2017/18.

Utshintsho kwizijoliso ezicwangcisiweyo

Alukho

Unxulumano lokwenziwa komsebenzi kunye noqingqo-mali

lindlela zokuSetyenziswa kwemali

Inkqubo/umsebenzi/Injongo	2017/2018			2016/2017		
	Uqingqo-mali	Eyona Nkcitho-mali	(Egqithisileyo)/Inggokelela eNganeno	Uqingqo-mali	Eyona Nkcitho-mali	(Egqithisileyo)/Inkckho-mali eNganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Iimpahla kunye neeNkonzo	4 186	4 713	(527)	3 534	4 032	(498)
Inani lilonke	4 186	4 713	*(527)	3 534	4032	*(498)

**Inkcitho-mali egqithisileyo inxulumene neGRAP 23: Ukwenziwa kohlengahlengiso lwama-R545 790, 96 lwemivuzo ngokunxulumene yabasebenzi bolawulo lwezimali zeQunrhu likaRhulumente. Iinkcukacha ezongezelelweyo zicaciswe kwiNgxelo yeZimali yoNyaka yeKomiti yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC), Inqaku 12.*

Ulwabiwo-Mali lwe R1 183 250 lweemali ezivotelweyo lwatshintshelwa ukusuka kwiSebe lemiCimbi yeNkcubeko (DCAS) ukuya kwiKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) ukufezekisa isigunyaziso sayo sangomnyaka-mali wama-2017/18.

Ulwabiwo-mali lwalawulwa ngokufanelekileyo ngokuhambelana nemimiselo esetyenziswayo yezimali.

4. UKUQOKELELWA KWENGENISO

Iintsusa zeNgeniso	2017/2018			2016/2017		
	Uqikelelo	Esona Sixa-mali siQokelelweyo	(Egqithisileyo)/Inggokelela eNganeno	Uqikelelo	Esona Sixa-mali siQokelelweyo	(Egqithisileyo)/Inggokelela eNganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ezinye iinzuzo zokwenziwa kwemisebenzi	2823	2467	356	2 880	2 032	848
Utshintshelo	1183	1 183	0	420	420	-
Inzuzo yengeniso	180	180		234	234	-
Inani lilonke	4 186	3 830	356	3 534	2 686	848

4.1. Utyalo-mali oluNgundoqo

Alukho

ISIGABA C: ULAWULO

1. INTSHAYELELO

Ulawulo lwequmrhu luqulathe iinkqubo nemigaqo elawula amaqumrhu karhulumente, apethwe ngayo nafanele ukuba anike inkcazo. Ukongeza kwiimfuneko zowiso-mithetho ngokwesiseko somthetho ohambelana nequmrhu, noMthetho weeNkampani, ulawulo lwequmrhu ngokunxulumene namaqumrhu karhulumente lusetyenziswa ngokwemiyalelo yoMthetho woLawulo lweZimali zikaRhulumente (PFMA) nosebenza ngaxeshanye nemithetho-siseko equlathwe kwiNgxelo kaKing III yoLawulo lweQumrhu.

Le ngxelo ibonakalisa umfanekiso wemboanakalo yolawulo olusetyenziswa kwiqumrhu.

2. IIKOMITI EZISESIKHUNDLENI (ukuba zikhona)

IiKomiti zePalamente yePhondo leNtshona Koloni zenza ungamelo kwiKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni, ziiKomiti eziSesikhundleni kwimiCimbi yeNkcubeko neZemidlalo, neyeAkhawunti ZeZimali zikaRhulumente (PAC)

IKomiti eseSikhundleni kwiSebe lemiCimbi yeNkcubeko neZemidlalo	
Umhla wengxoxo yoluleko	Umba oPhakanyiswayo
2 KweyeNkanga 2017	Ingxoxo yeNgxelo yoNyaka malunga neSebe lemiCimbi yeNkcubeko neZemidlalo namaQumrhu walo.
24 KweyeNkanga 2017	Uhlengahlengiso lweVoti 13 yeSebe lemiCimbi yeNkcubeko neZemidlalo (DCAS)
7 KweyoKwindla 2018	Ingxoxo ngoQingqo-mali lweVoti- 13

3. IZIPHATH'AMANDLA ZESEBE LOMBUSO ELILAWULAYO

Ukungeniswa kweengxelo ezisibhozo zenkcazelo ngezimali nezingezo zezimali kwiZiphath'amandla zeSebe loMbuso eliLawulayo ngexesha lonyaka ophantsi kohlolo

Ingxelo yokuHamba koMsebenzi ngekota	31 Kweyekhala 2017, 31 KweyeDwarha 2017, 31 KweyoMqungu 2018, 30 KuTshazimpunzi 2018
Ingxelo yoQwalaselo lokwenziwa komsebenzi ngonyaka	31 Kweyekhala 2017, 31 KweyeDwarha 2017, 31 KweyoMqungu 2018, 30 KuTshazimpunzi 2018

4. IKHOMISHONI YENKCUBEKO YENTSHONA KOLONI

Ukubaluleka kunye nenjongo yeKhomishoni

Isigunyaziso sowiso-mithetho seKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni kukugcina, ukukhuthaza nokuphuhlisa inkcubeko eNtshona Koloni, ngokoMthetho 14 ka-1998, wamaBhunga eNkcubeko yeNtshona Koloni.

Phakathi kwezinye izinto IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC):

- a) iqwalasela ukubhaliswa nokucinywa kwamabhunga enkcubeko asele ebhalisile;
- b) ilawula, iphathe, iphuhlise kunye nokugcina iimpahla ezihanjiswa nezingena kuhanjiswa ziphantsi kweliso elibukhali; kwano
- c) kwenza eminye imisebenzi emiselwe nguMphathiswa kwiKhomishoni.

Indima edlalwa yiKhomishoni ihamba ngolu hlobo:

IKhomishoni yeNkcubeko ibonelelo ngenkxaso ngezinto zayo ezilundedo, kwibhunga lenkcubeko okanye kumabhunga ngokuphantsi koMthetho, ngokuthi

- a) libonelele ngenkxaso-mali iiprojekthi ezinxulumene nenkcubeko, ukwenziwa kophando neenkomfa ngelo xesha zithe zamiselwa nguMphathiswa wePhondo, nalapho lithe iBhunga leNkcubeko okanye iBunga lithe lafaka isicelo soko;
- b) likhuthaza nokulungelelanisa uqhagamshelwano lweenkcubeko ezohlukeneyo kuZwelonke nakwiHlabathi liphela; noku
- c) libonelele ngolwazi lokugcina, ukukhuthaza nokuphuhlisa inkcubeko

IPhepha laMalungelo weBhodi

IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni ayinalo iphepha lamalungelo ngokusesikweni kodwa ikhokelwa nguMthetho weKhomishoni yeNkcubeko yePhondo leNtshona Koloni (uMthetho 13 ka-1998).

Ukwakhiwa kweKhomishoni njengetyunjelwe ukusebenza ixesha ukususela: ngomhla wama-30 KweyoMsintsi 2015 – 30 KweyoMsintsi 2018

Igama	Isikhundla (ngokwaKhiwa kweBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokurhixa Date resigned	IziQinisekiso zeMfundo	Umsebenzi woBalaselo	Iqela laBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iKomiti okanye amaQela eMisebenzi (umz.: IKomiti yoPhicot ho-zincwadi / IQela leMisebenzi yoLawulo)	Inani leentlanga niso ezizinyasweyo
Basse Bulelwa	USihlalo	30 KweyoMsintsi 2015	n/a	Ubuchule bolwazi lwekhompyutha	Ubuchule boMsebenzi woBugcisa waseQongeni. Ubuchule boBugcisa bokuFunda nokuBhala. Izinto eziNxulumene neNdalo nemiCimbi yaBantu (Imbali,	Alikho	Alikho	8

Igama	Isikhundla (ngokwaKhiwa kweBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokurhixa Date resigned	IziQinisekiso zeMfundo	Umsebenzi woBalaselo	Iqela laBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iKomiti okanye amaQela eMisebenzi (umz.: IKomiti yoPhicot ho-zincwadi / IQela leMisebenzi yoLawulo)	Inani leentlanganiso ezizinyasiweyo
					Umsebenzi wobugcisa, imbali, ngenkcubeko, inkcubeko inkcubeko). Ukubandakanya ukutshanya kwezeNkcubeko.			
Crous Johann	USekela Sihlalo wonyulwanga wama- 23 KweyeThupha 2017 kwiNtlanganiso yeNgxoxo ILungu: IKomiti yeBhunga leNkcubeko	30 KweyoMsimsi 2015	n/a	Higher Diploma in Education of Arts. Diploma in Dramatic Arts. Diploma in Textile Design. 1 yr. Business Studies Course. Photography	Umsebenzi wobugcisa boBucule bokuFundanokuBhalal izinto eziNxulumene neNdalo nemiCimbi yaBantu (Imbali, uMsebenzi wobugcisa, imbali, ngenkcubeko, inkcubeko). Ukubandakanya ulutshakwinkcubeko. Ukunyusalingxowa-mali yeenkqubo zenkcubeko.	Alikho	Alikho	6
Fani Chuma	USihlalo: IKomiti yeBhunga leNkcubeko	30 KweyoMsimsi 2015	n/a	B Admin Public Admin (Honours)	Ubuchule boMsebenzi wobugcisa waseQongeni Ukubandakanya ulutshakwezenkcubeko Ukukhuthazainkcubeko ngokusebenzisa uBugcisa bokuFundanokuBhalala	Alikho	Alikho	6

Igama	Isikhundla (ngokwaKhiwa kweBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokurhixa Date resigned	IziQinisekiso zeMfundo	Umsebenzi woBalaselo	Iqela laBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iKomiti okanye amaQela eMisebenzi (umz.: IKomiti yoPhicot ho-zincwadi / IQela leMisebenzi yoLawulo)	Inani leentlanganiso ezizinyasiweyo
					aMaphephandaba;			
Fefeza Patrick Zoyisile	USihlalo: IKomiti yoLwaluko	30 KweyoMsi ntsi 2015	n/a	BA (History Anthropology) Post Grad. Diploma (Museums/ Heritage Studies (UWC)	Izinto eziNxulumen e neNdalo nemiCimbi yaBantu (Imbali, Umsebenzi wobugcisa, imbali, ngenkcubeko, inkcubeko). Ukubandakanya ulutsha kwezenkcubeko Ukubandakanya ulutsha kushishino lwezenkcubeko	Alikho	Alikho	5
Kindo Wilma Josephine	ILungu: IKomiti yeBhunga leNkcubeko	30 KweyoMsi ntsi 2015	n/a	Diploma, Library and Information Science (UWC)	Ubuchule bobugcisa bokuFundanokuBhala Izinto eziNxulumen e neNdalo nemiCimbi yaBantu (Imbali, Umsebenzi woBugcisa, imbali, ngenkcubeko, inkcubeko). Ukubandakanya ulutsha kwezenkcubeko	Alikho	Alikho	5
Le Fleur Anthony	ILungu: IKomiti yeZiko leNkcubeko	30 KweyoMsi ntsi 2015	n/a	UMongameli weNkomfayaMagrikwa kuZwelonke. UMongameli woManyano lweKwayari . ILungu leBhodi	Izinto eziNxulumen e neNdalo nemiCimbi yaBantu ((Imbali, Umsebenzi woBugcisa,	Alikho	Alikho	6

Igama	Isikhundla (ngokwaKhiwa kweBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokurhixa Date resigned	IziQinisekiso zeMfundo	Umsebenzi woBalaselo	Iqela laBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iKomiti okanye amaQela eMisebenzi (umz.: IKomiti yoPhicot ho-zincwadi / IQela leMisebenzi yoLawulo)	Inani leentlanganisozizinyasiweyo
				yeNKC	imbali, ngenkcubeko, inkcubeko). Ukubandakanya ulutsha kushishino lwezenkcubeko Ubuchule boMsebenzi woBugcisa waseQongeni			
Witbooi John Cornelius	ILungu: IKomiti yeZiko leNkcubeko	30 KweyoMsimntsi 2015	n/a	Umhloholi: INkokheli yesiDuko samaNama kuZwelonke. Usihlalo weKomiti eSebenzelayamaKhoynabathwa	Izinto eziNxulumene neNdalo nemiCimbi yaBantu (Imbali, Umsebenzi wobugcisa, imbali, ngenkcubeko, inkcubeko). Ukubandakanya ulutsha kwezenkcubeko ULawulo lwamaziko enkubeko. Nama culture	Alikho	Alikho	2
Kamaldeen Yazeed	USihlalo: IKomiti yeZiko leNkcubeko	17 KuCanzibe 2017	n/a	Degree in Journalism (CPUT), Post Grad Dipl: Media Management (Rhodes), Film making and Photography Course	Umchola-choli weendabazoZimeleyo, ushicilelo lwamabali kamabonakude nomququzel eli.. womboniso wamafoto, umphathi wemveliso, umsasazi kanomathoth	ILungu loManyano lweHlabathi lwaBacholibeNdabazeNkolo ilLungu leBhodi yoManyano loMsebenzi woBgcisa bokuZoba, ukubhala iincwadi ngenkcubeko, ilifa		5

Igama	Isikhundla (ngokwaKhiwa kweBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokurhixa Date resigned	IziQinisekiso zeMfundo	Umsebenzi woBalaselo	Iqela laBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iKomiti okanye amaQela eMisebenzi (umz.: IKomiti yoPhicot ho-zincwadi / IQela leMisebenzi yoLawulo)	Inani leentlanganiso ezizinyasiweyo
					olo	lemveli nomsebenzi wobugcisa		
Mobbs John Bernard	ILungu: IKomiti yeBhunga leNkcubeko	17 KuCanzibe 2017	n/a	BA, Secondary Teacher's Dipl (UWC), B.Ed.(UNISA), M.Ed. Cum Laude(UPE), Teacher's Higher Bilingual Certificate, D.Ed.(UPE), Certificate in Marketing and Marketing Research(UNISA), Project Management (UCT)	Ubuchule boMsebenzi woBugcisa waseQongeni. Ubuchule boMsebenzi woBugcisa waseQongeni Ukubandakanya ulutsha kwezenkcubeko ukubandakanya ulutsha kushishino lwezenkcubeko, ukwandiswa kokusetyenziswa kweenkcubeko ezohlukeneyo eMzantsi Afrika	DD Health, CEO DP Marais TB Hospital, Consultant Educational Research, Vice Rector of Southern Cape Teacher's Training College, Chairperson of SANTA Provincial and National.		6
Le Roux Daniel Stephanus	ILungu: IKomiti yeZiko leNkcubeko	17 KuCanzibe 2017	n/a	Dtech Drama (Technikon Pretoria), MA Drama (UP), Higher Dipl Ed (US), Hons BDrama (US)	Ubuchule boMsebenzi woBugcisa waseQongeni, Izinto eziNxulumene neNdalo nemiCimbi yaBantu. Ukubandakanya ulutsha kushishino lwezenkcubeko, Amashishini enkcubeko, Umsebenzi woBugcisa bokuZoba	ILungu leKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni, Igama leNdawo ekuhlalayo kuyo Abantu. IKomiti yeLifa lemVeli yeNtshona Koloni. IBhodi yoLwimi lwesiBhulu. Indawo ekuhlalayo kuyo		6

Igama	Isikhundla (ngokwaKhiwa kweBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokurhixa Date resigned	IziQinisekiso zeMfundo	Umsebenzi woBalaselo	Iqela laBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iKomiti okanye amaQelama eMisebenzi (umz.: IKomiti yoPhicot ho-zincwadi / IQela leMisebenzi yoLawulo)	Inani leentlanganisozizinyasiweyo
						abantu. Igama leNdawo yeLifa leMveli yeNtshona Koloni		
Beukes Edwill Roland	ILungu leKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) Ilungu larhoxisa imvume yalo yokonyulwa	17 KuCanzibe 2017	17 KuCanzibe 2017	Nat Diploma: ULawulo lweZimali (N6)	IGosa eliNika iNgxelo Ukubandakanya ulutshakwezenkcubeko	Iindima ezohlukene ezidlalwa liGosa leSigqeba soMbuso kuManyano loLutsha lwaMarhikwa lweNkonzo yaMakrestu		N/A
ABA BANTU BALANDELAYO BASEBENZELA IKOMITI YESALATHISO SONGENISO KWIKOMITI YENKCUBEKO YENTSHONA KOLONI KUNYE NAMALUNGU EKOMITI YENKCUBEKO YENTSHONA KOLONI								
Dani Lizo	ILungu: IKomiti yeSalathiso soNgeniso	1 KweyeKhala 2016	n/a	NTC (Mechanical Engineering). Ixesha lokuba nguMfundisofundela isiqinisekiso sobuchule obuthile beMfundo kwezoRhwebo. Isiqinisekiso sokuba nguMfundisi kwezoQeqesho. Ithiyori yenkcazelo ngeKhompyutha. ULawulo lweProjekthi	Uphuhliso lweNkcubeko (ukuNgena) uQuquzelelo lweProjekthi yokwenziwa kweZinxibo	Alikho	Alikho	0

Igama	Isikhundla (ngokwaKhiwa kweBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokurhixa Date resigned	IziQinisekiso zeMfundo	Umsebenzi woBalaselo	Iqela laBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iKomiti okanye amaQela eMisebenzi (umz.: IKomiti yoPhicot ho-zincwadi / IQela leMisebenzi yoLawulo)	Inani leentlanganiso ezizinyasiweyo
Jama Zukile	Ilungu: IKomiti yeSalathiso soNgeniso	1 KweyeKhala 2016	n/a	<ul style="list-style-type: none"> - PhD Linguistics, UCT, 2007. - MA in African Languages, UCT, 1995 - BA Honours in African Languages, Unisa 1998 - BA majoring in History Vista University PE 1985 	Umsebenzi wobugcisa osekelwe phezu kweLwimi neNkcubeko yokuhlola ulwimi oluthile. Ukuhlohla ulwimi lwesibini kuphando lweencwadi zoLuntu lwaseAfrica	Alikho	Alikho	1
Mazinyo Mbombi	Ilungu: IKomiti yeSalathiso soNgeniso	1 KweyeKhala 2016	n/a	<ul style="list-style-type: none"> - Uqeqesho loncedo loKuqala - Uqeqesho loLawulo lweMililo 	Ubunkokheli kwiZithethe	Alikho	Alikho	1
Nongalaza Mzwandile	Ilungu: IKomiti yeSalathiso soNgeniso	1 KweyeKhala 2016	n/a	<ul style="list-style-type: none"> - Uqeqesho loncedo loKuqala - Uqeqesho loLawulo lweMililo 	Ubunkokheli kwiZithethe	Alikho	Alikho	1
Ponoane Neho	Ilungu: IKomiti yeSalathiso soNgeniso	1 KweyeKhala 2016	n/a	<ul style="list-style-type: none"> - Umsebenzi wasekuhlaleni 	IGosa loNxibelelwanoluntu lwasekuhlaleni	Alikho	Alikho	1
Sebetoa ne Thabang	Ilungu: IKomiti yeSalathiso soNgeniso	1 KweyeKhala 2016	n/a	<ul style="list-style-type: none"> - IBanga leShumi 1998 	Ubunkokheli kwiSithethe sabeSuthu	Alikho	Alikho	1

Iikomiti

Iikomiti	Inani leentlanganisozibanjweyo	Inani lamalungu	Amagama wamalungu
Iindibano zeNgxoxo	4	10	Basse Bulelwa Crous Johann Fani Chuma Fefeza Patrick Zoyisile Le Fleur Anthony Witbooi John Cornelius Kindo Wilma Josephine Kamaldien Yazeed Mobbs John Bernard Le Roux Daniel Stephanus
AmaBunga eNkcubeko	2	5	Fani Chuma CrousJohann Kindo Wilma Josephine Basse Bulelwa Mobbs John Bernard
AmaZiko eNkcubeko	2	5	Kamaldien Yazeed Basse Bulelwa Le Fleur Anthony Witbooi John Cornelius Le Roux Daniel Stephanus
IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Kokoloni yeSalathiso soNgeniso	1	6	Ukonyulwa ngokufanelekileyo kwelungu leKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni: Fefeza Patrick Zoyisile Amalungu atyunjwe kwiKomiti yeSalathiso soNgeniso: Jama Zukile Nongalaza Mzwandile

			Sebetoane Thabang Mazinyo Mbombi Ponoane Neho
--	--	--	---

Ukuhlawulwa kwamalungu eKhomishoni

Iphakeji zokuhlawulwa kwabasebenzi base-ofisini ngokomthetho othile namanye amaziko zichazwa nguMphathiswa weZimali kwaye zicaciswa kwiSetyhula kaNondyebo wePhondo lqondo lentlawulo kaSihlalo ngama-R461.00 ngeyure, USekela Sihlalo ama-R324.00 ngeyure namalungu ahlawulwa R282.00 ngeyure.

Igama	Intlawulo (R'000)	Ezinye Izibonelelo (R'000)	Ezinye Iimbuyekezo	Inani lilonke (R'000)
Basse, Bulelwa	9	1	n/a	10
Crous, Johann	6	1	n/a	7
Fani, Chuma	6	2	n/a	8
Fefeza, Patrick Zoyisile	6	0	n/a	6
Kindo Wilma Josephine	5	0	n/a	5
Le Fleur, Anthony*	6	32	n/a	38
Witbooi, John Cornelius	2	2	n/a	4
Kamaldien Yazeed	3	1	n/a	4
Mobbs John Bernard	5	2	n/a	7
Le Roux Daniel Stephanus	5	2	n/a	7
Beukes Edwill Roland	0	0	n/a	0
Isixa senani lilonke	53	43	0	96

IKomiti yoNgeniso yeKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni:

Igama	Intlawulo (R'000)	Ezinye Izibonelelo (R'000)	Ezinye Iimbuyekezo	Inani lilonke
Sebetoane Thabang	2	1	n/a	3
Nongalaza Mzwandile	2	0	n/a	2
Mazinyo Mbombi	2	0	n/a	2
Dani Lizo	0	0	n/a	0
Ponoane Neho	2	1	n/a	3
Jama Zukile	1	0	n/a	1
Isixa senani lilonke	9	2	0	11
Inani lilonke liphelele	62	45	0	107

Ezinye izibonelelo ziquka indawo yokuhlala neendleko zokuthatha uhambo.

**Amalungu weKomitu yeNkcubeko yeNtshona Koloni ahlala kummandla wase Eden, okuthetha ukuthi iindleko zokuthatha uhambo nendawo yokuhlala okwethutyana zikwixabiso eliphezulu.*

5. ULAWULO LOMNGCIPHEKO

IziPhath'amandla zeNkcazo (AA) zinoxanduva lokuphumeza uLawulo loMngcipheko waMashishini (ERM) ngokweSikhokelo soLawulo loMngcipheko seZiko likaNondyebo sikaZwelonke (PSRMF). IQela laBongameli loLawulo loMngcipheko woShishino (D: ERM) kwiSebe leNkulumbuso (DotP) libonelela ngeenkono zenkxaso ngokumanyeneyo kwiSebe.

Ngokuthobela iSikhokelo soLawulo loMngcipheko seZiko likaRhulumente (PSRMF) kwano zinziso lolawulo lomngcipheko ngokubanzi kwiSebe nakuMaqumrhu walo asebuRhulumenteni, uRhulumente weNtshona Koloni (WCG) wamkele iNkcazelo yoMgaqo-nkqubo we ERM nochaza injongo kaRhulumente weNtshona Koloni ngokupheleleyo malunga neERM. Iqumrhu lamkela inkcazelo yomgaqo-nkqubo weERM ochaza ngokubanzi ngenjongo kaRhulumente weNtshona Koloni malunga ngo-2016/17 ukuya ku-2017/18 nowavunyelwa ngoku semthethweni liGosa elinika iNkcazo ngomhla we-15 kuTshazimpunzi 2016. IsiCwangciso soBuchule nokuphunyezwa seERM sango 2017/18 savunyelwa iGosa elinika iNkcazo ngomhla wama-28 kuTshazimpunzi 2017. Isicwangciso sokuPhunyezwa kweERM saqalisa ukusetyenziswa komgaqo-nkqubo weERM kwiSebe noBuchule obubonakalisa uxanduva neendima ezidlalwa ngabaphathi bolawulo nabaqeshwa ekulungiseleleni unkuncitshiswa komngcipheko.

Iqumrhu lenze uhlalutyo lwemingcipheko enenstingiselo nenokuba nefuthe ekufezekisweni kweenjongo nemigqaliselo yalo, ngokweendlela ezimbini eyesicwangciso buchule nakumgangatho wenkqubo, rhoqo ngekota. Imingcipheko yabekwa njengemiba ephambili ngokusekelwe phezu kokuba isenokubakhona kwanefuthe layo (ngokwemvelo nanjengentsalela) kwavunyelwana ngendlela ezongezelelweyo zokunciphisa imingcipheko ngokwemigangatho eyamkelekileyo. Ngexesha leenkqubo zohlolo olwenziwa ngekota kwabonakala ukavela kwemingcipheko emitsha/esaqalisayo.

ISebe lamisela iKomiti yoLawulo loMngcipheko kuMashishini neeNquobo ngokuSesikweni (ERMECO) ukunceda iZiphath'amandla zeNkcazo ekufezekiseni uxanduva lwakhe olunxulumene nolawulo lomngcipheko. Ikomiti yasebenza phantsi kwemiqathango ngo-2017/18 – 2018/19 ngokuvunyelwa liGosa elinika inkcazo ngomhla wama-31 kweyokwindla 2017. I-ERMCO yenza uvavanyo lokusebenza kwezicwangciso zobuchule bokunciphisa imingcipheko ezasetyenziswayo ukuchaza ngemingcipheko kwisebe nokucebisa ukuthathwa kwamanye amanyathelo apho kuyimfuneko.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yeSixokelelwano soLuntu yabonelela ngokwenza ungamelo ngokuzimela kwinkqubo esetyenziswa kwiSebe yolawulo lomngcipheko. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yafumana iingxelo ngekota malunga nenkqubela phambili ye-ERM nenkcazelo ngemingcipheko kwisebe nokudlala indima yongamelo ngabo babhalisileyo. Uvavanyo olwenziwa yiKomiti yoPhicotho lwenkqubo yolawulo lomngcipheko lwalunxulumene nenkqubela yokuphunyezwa kwesicwangciso seERM nemingcipheko eyafunyanwa yiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni kwanendlela abahlangabezana ngayo nemingcipheko/ubuchule bokuluphelisa.

Ifuthe lokuhamba koMsebenzi weZiko

Kwabakho inkqubela phambili yolawulo lokunciphisa umngcipheko nokuchaza ngokwanda komgangatho womngcipheko kwiQumrhu, kwaye oku kwaba negalelo ekusebenzi kakuhle kwesebe.

6. URHWAPHILIZO NOBUQHOPHOLOLO

Urhwaphilizo nobuqhophololo bubonakalisa imingcipheko enokubakhona kwiimpahla zeQumrhu kwaye lunganempembelelo engafanelekanga kuhanjiso lweenkonzo ngokufanelekileyo nakwigama leQumrhu.

URhulumente waseNtshona Koloni (WCG) wamkele isiCwangciso-buchule sokutshitshisa uBuqhingana noRhwaphiliso nesiqinisekisa ukunga zinyamezeli kwephondo kwaphela izezo zobuqhophololo, ubusela nobuqhingana. Ngokuhambelana nesiCwangciso-buchule iSebe lizibophelele ekubeni lingamelani kwaphela nazo naziphina izezo zenkohlakalo, ubuqhingana okanye naziphina ezinye izehlo zolwaphulo-mthetho, nokuba zenzeke ngaphakathi okanye ngaphandle, kwaye ligxininisa rhoqo ekubeni kutshutshiswe ngokusemthethweni nawaphina amaqela athi azibandakanye nezenzo ezilolu hlobo okanye ukuzama ukwenza njalo

ISebe livumele ngokusemthethweni isiCwangciso sokuThintela ubuQhophololo ngoRhwaphilizo kwanesiCwangciso sokuFezekisa ukuThintela uBuqhingana nesinika ukusetyenziswa kwesiCwangciso soThintelo loBuqhingana. Ezi zicwangciso zisetyenziswa nguRhulumente weNtshona Koloni (WCG).

Kukho imijelo eyohlukeneyo yokunika iingxelo zamatyala obuqhingana, ubusela noworhwaphilizo kwaye icaciswe kakuhle kwisiCwangciso sePhondo sokuThintela uBuqhingana noRhwaphilizo kwiPhondo. nakwisiCwangciso seSebe soThintelo loBuqhingana nobuQhophololo. Isityholo ngasinye esifunyenweyo liQela leeNkonzo zoPhando lwaMatyala aseNkundleni (PFS) eNtshona Koloni sigcinwa sibhaliwe kuluhlu lwamatyala kwiNkqubo yoLawulo lwaMatyala esetyenziswa njengesixhobo sokunika ingxelo yenkqubela phambili eyenziweyo ngamatyala anxulumene neSebe nokuqulunqa ubalo lwamanani kwiPhondo nakwiSebe.

Abaqeshwa abahlab'ikhwelo malunga nokunakana izezo zobuqhingana, ubusela noworhwaphilizo bayakhuselwa ukuba inkcazelo efumanekileyo kufuneka ingachazwanga apho isuka khona (i.e. iimfuneko zomthetho (oko kuthetha ukuthi, ichazwe ngentembeko umz. ichazwe ngentembeko). Malunga noku, uMgaqo-nkqubo onqamlezileyo waBahlab'ikhwelo ukubonelela ngezikhokelo kubaqeshwa sokubanako ukuchaza ngemiba exhalabisayo kubaphathi bolawulo abafanelekileyo, abantu abathile abonyuliweyo kuRhulumente weNtshona Koloni (WCG) okanye kumaziko angaphandle, apho banezizathu ezivakalayo zamagunya okukholelwa ekubeni amatyala olwaphulo-mthetho okanye iziphoso ziyatshutshiswa kuRhulumente weNtshona Koloni (WCG). Ukunikwa ithuba lokungachazwa kwegama liyafumaneka kuye nawuphina umntu onqwenela ukunika ingxelo yezenzo zobuqhingana, ubusela norhwaphilizo kwaye ukuba umntu uthe waya ngokwakhe ubuqu, igama lakhe ligcinwe njengemfihlelo ngulowo kufakwe kuye ingxelo leyo.

Ukuba kuthe kwaqinisekiswa isenza sobuqhingana, ubusela okanye inkohlakalo emveni kokuba kugqityezelwe uphando, umqeshwa onxulumene nokuthatha inxaxheba kwezi zenzo uzakuthunyelwa kwingxoxo yoluleko. Kuzo zonke iimeko ezilolu hlobo, abameli bakarhulumente wePhondo leNtshona Koloni abakhokela inkqubo yoluleko kufuneka benze isindululo sokugxothwa komqeshwa ochaphazelekayo. Apho kufunyaniswe ubungqina obubambekayo besenzo solwaphulo-mthetho, isenzo esinjalo kufakwa ingxelo yaso kwiziko leeNkonzo zaMapolisa laseMzantsi Afrika.

7. IIKOMITI ZOPHICOTHU-ZINCWADI NEZOPHICOTHU-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI

Uphicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lubonelela ngolawulo ngokuzimela, isiqinisekiso senjongo kunye nababoneleli ngeenkono bangaphandle ukwenzela ukongeza ixabiso nokuphuculwa rhoqo kwemisebenzi yeQumrhu. Luncedisa iQumrhu ekuphumezeni iinjongo zalo ngokusebenzisa indlela yobuchule benkqubo, neyoluleko ukuvavanya nokuphucula ukusebenza koLawulo, uLawulo loMngcipheko kunye neeNkqubo zoLawulo. Luncedisa iQumrhu ekuphumezeni iinjongo zalo ngokusebenzisa indlela yobuchule benkqubo, neyoluleko, ukuvavanya nokuphucula ukusebenza koLawulo, uLawulo loMngcipheko kunye neeNkqubo zoLawulo. Malunga noku kwenziwa le misebenzi ingundoqo ilandelayo:

- Ukuhlalutya nokwenza izindululo ezifanelekileyo zokuphucula iinkqubo zolawulo ukufezekia iinjongo zeSebe;
- Ukwenzela uvavanyo lokusebenza nokufaneleka kwaknokuba negalelo ekuphuculweni kwenkqubo yolawulo lomngcipheko;
- Ukuncedisa iGosa leNkcaza ekugcineni ulawulo olufanelekileyo nolusebenzayo, nokuqalisa izindululo zolwandiso nenkqubela phambili.

Kwaphunyezwa ezi ngxoxo zoqinisekiso zilandelayo zesiCwangciso soPhicotho-zincwadi lwangaphakathi lwango-2017/18:

- Umsebenzi woBugcisa kunye neNkcubeko: Ungeniso
- Ukuqwalaselwa kokuhamba komsebenzi kunye nokuNika iNgxelo
- Iintlawulo zoThsintshelo

IKomiti yoPhicotho-zincwadi imiselwe njengebhodi yongamelo, neyenza ungamelo lolawulo ngokuzimela ngokwayo, ulawulo lomngcipheko neenkqubo zokuphatha kwiSebe, eziquka ungamelo kunye noxanuva olunxulumene noku:

- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi;
- Umsebenzi wophicotho-zincwadi lwangaphandle (Umpicothi-zincwadi Jikelele eMzantsi Afrika);
- Ukunika iNkcaza nenGxelo kwiSebe;
- Imigaqo-nkqubo yokuNika iNkcaza kwiSebe;
- Ukuhlolwa kolawulo lweAGSA kunye nengxelo yophicotho-zincwadi;
- Ukuhlolwa koQwalaselo loNyaka kwiSebe;
- ULawulo loMngcipheko kwiSebe;
- ULawulo lwangaphakathi;
- Iinjongo ezimiselwe kwangaphambili;
- Iinqobo ezisezikweni kunye nophando lwaseNkundleni

Umhla wokonyulwa

Uluhlu olulapha ngezantsi luchaza iinkcukacha ezinxulumene nenkcazelo efanelekileyo yamalungu ekomiti yophicotho zincwadi:

IGAMA	Iziqinisekiso zenkcazelo yokulungela umsebenzi othile	Ngaphakathi okanye Ngaphandle	Ukuba ungaphakathi, isikhundla sakho kwiSebe	Umhla wokonyulwa	Umhla wokurhoxa	Inani Leentlanganiso ezizinyasiweyo
Mnu Ameen Amod	MBA, CIA, CGAP, CRMA; BCOM (HONS)	Ngaphandle	n/a	01 KweyoMqungu wama-2016 01 January 2016 (1 st term)	n/a	7
Mnu Mervyn Burton	CA(SA); CFP; B Compt (Hons); B Compt;	Ngaphandle	n/a	01 KweyoMqungu wama-2015 0 (2 nd)	2 nd ukuphelelwa lixesha 31 KweyoMnga 2017	5
Nksz Judy Gunther	CIA; AGA; CRMA; Masters in Cost Accounting; BCompt	Ngaphandle	n/a	01 KweyoMqungu wama-2016 (2 nd ixesha elimisiweyo)	n/a	7
Mnu Francois Barnard	MComm (Tax); CA(SA); Postgrad Diploma in Auditing; CTA BCompt (Honours); BProc	Ngaphandle	n/a	01 KweyoMqungu wama-2016 (2 nd ixesha elimisiweyo)	n/a	8
Mnu Kerry Larkin	B Compt; ND FIS; FIISA CIA; CRMA; CCSA	Ngaphandle	n/a	01 KweyoMqungu wama-2018 (1 st xesha elimisweyo)	n/a	2

8. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI

Sinochulumanco olukhulu ukunika ingxelo yethu yokuphela konyaka ngomhla wama-31 KweyoKwindla ngo-2018.

Uxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi

I-Komiti yoPhicotho-zincwadi inika ingxelo yokuba ithobela uxanduva lwayo lwe--Candelo 51(1)(a) loMthetho woLawulo lweZimali zikaRhulumente noMmiselo kaNondyabo ongu-27.1. I-Komiti yoPhicotho-zincwadi inika ingxelo yokuba yamkele imigaqo efanelekileyo nese mgangathweni ngokusesikweni njenge Phepha laMalungelo leKomiti yoPhicotho, imisele imicimbi yayo ngokuthobela eli Phepha laMalungelo kwaye iwenzile wonke umsebenzi wayo njengokuba kuchazwe apha.

U-Lawulo lwangaPhakathi oluSebenzayo

I-Qumrhu libonelelwa ngeeNkonzo liSebe lemiCimbi yeNkcubeko neZemidlalo kwaye akukho ngxelo yakusilela ifumanekileyo yolawulo lwangaphakathi kumgangatho weQumrhu.

Iingxelo zoLawulo lokuhamba komsebenzi ngenyanga/ngekota

I-Komiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile luhlobo kwano kuqulathwe kwiingxelo zokuhamba komsebenzi nolawulo ezifumaneka ngeekota okanye ngonyaka ophantsi kohlolo nezikhutshwe Ziziphath' amandla eziNika iNkcazo zeQumrhu ngokweMimiselo kaNondyabo kuZwelonke noMthetho woLawahlulo lweNgeniso.

Ukuhlolwa kweNngxelo zeMali

I-Komiti yoPhicotho-zincwadi yenze oku:

- Ukuhlola nokubamba iingxoxo yeeNngxelo zeMali zoNyaka eziphicothiweyo kwanokuba ziqukwe kwiNngxelo yoNyaka, ihlangene noMphicothi-zincwadi Jikelele eMzantsi Afrika (AGSA) neGosa leNkcazo;
- Ukuhlolwa kweNngxelo yoLawulo yoMphicothi-zincwadi Jikelele (AGSA) nempendulo yabaPhathi boLawulo malunga noko;
- Ukuhlolwa kotshintsho kwimigaqo-nkqubo yokunika inkcazo nokwenziwa kwemisebenzi njengokuba kuchaziwe kwiiNngxelo zeMali zoNyaka;
- Ukuhlolwa kohlengahlengiso lweziphumo zophicotho-zincwadi lweQumrhu;

Ukuthobela

I-Komiti yoPhicotho-zincwadi izihloliwe iinkqubo zeQumrhu zokuthobela imimiselo memithetho emisiweyo.

Iinkonzo zoPhando lwaMatyala aseNkundleni

Iinkonzo zoPhando lwaMatyala aseNkundleni (PFS) isinike inkcazelo yobalo lwamanani. I-Komiti yoPhicotho-zincwadi iQwalasela inkqubela phambili yeengxelo zePFS rhoqo ngekota. Akukho miba iziswe ngaphambili ekufuneka siyithathele ingqalelo nefuna ingxelo eyongezelelweyo yeKomiti yoPhicotho.

Inkcazelo yokuHamba koMsebenzi

I-Komiti yoPhicotho-zincwadi ihlola inkcazelo yeenjongo ezimiselwe kwangaphambili njengokuba zichaziwe kwiNngxelo yoNyaka.

Ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele eMzantsi Afrika


IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlole ngekota, isicwangciso semisebenzi yeQumrhu ukulungiselela imicimbi yophicotho ephakanyiswe ngonyaka odlulileyo. IKomiti yoPhicotho ifhalangene noAGSA ukuqinisekisa akukho miba ingasonjululwanga yophicotho olumiselweyo. Amanyathelo afaneleileyo wemiba ephakanyiswe nguAGSA aqwalaselwa yiKomiti yoPhicotho rhoqo ngekota.

I-Komiti yoPhicotho-zincwadi yamkela kwaye ivumelana nembono yoMphicothi-zincwadi Jikelele malunga neeNgxelo zeMali zoNyaka, kwaye inesicelo sokuba uPhicotho-zincwadi lweeNgxelo zeMali zoNyaka lwamkelwe kwaye lufundwe kunye nengxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi incoma iQumrhu ngokugcina uluvo loPhicotho-zincwadi olusulungekileyo nolungena ziphoso.

Umbulelo

I-Komiti yoPhicotho-zincwadi inqwenela ukuvakalisa umbulelo wayo omkhulu kumaGosa eQumrhu, kuMphicothi-zincwadi Jikelele eMzantsi Afrika nakwiSebe leQumrhu likaRhulumente eNtshona Koloni (WCG) ngentsebenziswano abasinike yona ukulungiselela ukuba sibenako ukuhlanganisela le ngxelo



Ameen Amod

USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni

Umhla: 31 kweyeKhala 2018

ISIGABA D: ULAWULO LWEZABASEBENZI

1. UBALO-MANANI LONGAMELO LWEZABASEBENZI

Olu balo-manani luchazwe kwiNgxelo yoNyaka yeSebe lemiCimbi yeNkcubelo neZemidlalo

ISIGABA E: INKCAZELO NGEZIMALI

Ingxelo yoMphicothi-zincwadi ngeKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni

Ingxelo yophicotho lwenkcazelo ngezimali

Uluvo

1. Ndilwenzile uphicotho-zincwadi lweengxelo zeMali zeKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni olubonakaliswa kumaphepha 49 ukuya kwela-74, eziqulathe ingxelo yobume bezimali ukususela ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2018, ingxelo yokusetyenziswa kwemali, ingxelo yotshintsho kwimpahla zecandelo eziseleyo neengxelo zemali engenayo nephumayo kwanengxelo yothelekiso loqingqo-mali nezona zixa-mali zokuphela konyaka, ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2018, namanqaku eengxelo zemali, kuquka isishwankathelo sentsingiselo yemigaqo-nkqubo yenkcazo.
2. Ngokoluvo lwam, iingxelo zemali zichazwe ngokufanelekileyo, ngokunxulumene nazo zonke iinkalo, nemeko yezimali yeKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni ukususela ngomhla wama--31 kweyoKwindla ngo-2018, nokusetyenziswa kwemali kunye nemali engenayo nephumayo ekupheleni konyaka ngokuhambelana neMigangatho yoKwenziwa kweMisebenzi yokuNika iNkcaza eYamkelekileyo ngokuBanzi yeGRAP, iimfuneko zoMthetho ka-1999 woLawulo lweZimali zikaRhulumente waseMzantsi Afrika, (uMthetho 1 ka-1999) (PFMA), necandelo 15(5) loMthetho ka-1998, weKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni (uMthetho No. 14 ka-1998) (WCCCA)

Isiseko soluvo

3. Ndikhokele uphicotho-zincwadi lwam ngokweMigangatho yeHlabathi yoPhicotho-zincwadi (ISAs). Uxanduva lwam loPhicotho-zincwadi phantsi kwale migangatho lucaciswa ngokuthe vetshe kwisiqendu sengxelo yoxanduva lomphicothi-zincwadi jikelele kule ngxelo yiphicotho.
4. Ndimele iSebe ngokuhambelana neBhodi yeeAkhawunti eziSengangathweni ngokuseSikweni yokusetyenziswa *koMthetho wokwenziwa ngobuchule komsebenzi we-akhawunti zoBalo-mali (umthetho weIESBA)* neemfuneko zeenqobo zolawulo ezibalulekileyo kuphicotho-zincwadi lwam eMzantsi Afrika. Ndilufezekisile olunye uxanduva lwam ngokwezi mfuneko kunye nomthetho weendlela zokuziphatha ngokusesikweni weIESBA.
5. Ndiyakholelwa ukuba ubungqina bophicotho-zincwadi endilufumeneyo buqulathe ngokwaneleyo nangokufanelekileyo ukunika isiseko soluvo lwam.

Uxanduva lweZiphath' amandla zeNkcazo yeengxelo zemali

6. Uxanduva lweziphath' amandla zenkcazo lulungiselelo nokuchaza iingxelo zemali ngokufanelekileyo ngokuhambelana neNdlela yokuNika iNgxelo eyaMkelweyo ngokuBanzi yeMigangatho yeGRAP yaseMzantsi Afrika kunye neemfuneko zePFMA kwanolawulo lwangaphakathi nanjengokuba iziphath' amandla zenkcazo zimisele ukuba kuyimfuneko ukulungiselela iingxelo zemali ezingenaziphoso, nokuba kungenxa yobuqhinga okanye impazamo.
7. Ngokulungiselela iingxelo zemali, iziphath' amandla zenkcazo zinoxanduva lokuhlalutya ukubanako weKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni ukuqhubeka ngenkxalabo

esoloko ikhona yokwenziwa komsebenzi, ukuchaza, ngemiba enxulumene nenkxalabo nokusetyenziswa kwesiseko senkxalabo ekhoyo kwinkcazo ngaphandle kokuba kukho injongo yokuthengisa iimpahla zeshishini lequmrhu ukuze kuhlawulwe amatyala okanye ukurhoxisa imisebenzi, okanye akukho ndlela iyenye inokusetyenziswa kodwa kufuneka kwenziwe ngolo hlobo.

Uxanduva loMphicothi-zincwadi jikelele lokuphicotha iingxelo zemali

8. Iinjongo zam kukufumana isiqinisekiso esifanelekileyo malunga nokuba ingaba iingxelo zemali azinaziphoso ngokupheleleyo kusini na, nokuba kungenxa yobuqhinga okanye impazamo, kwanokunika ingxelo yomphicothi-zincwadi equka imbono yam. Isiqinisekiso esifanelekileyo sesikumgangatho ophezulu, kodwa isithembiso sesokuba uphicotho-ncwadi olwenziwe ngokuhambelana neMigangatho yeHlabathi yoPhicotho-zincwadi (ISA) luyakuhlala luzifumanisa iziphoso xa zikhona. Iziphoso kwiingxelo zisenokubakho ngenxa ngenxa yobuqhinga okanye impazamo kwaye ziqwalaselwa njenge zifumanekileyo ukuba, umntu okanye ngokuzihlanganisela, basenokuthi ngokwengqiqo yabo kulindeleke ukuba babe nefuthe ekuthatheni izigqibo kwezozoqoqosho abalwenzileyo ngokwesiseko sezi ngxelo zemali.
9. Ingcaciso ethe vetshe yoxanduva lwam loPhicotho-zincwadi zeengxelo zemali siqukwe kwisihlomelo esikule ngxelo yophicotho.

Ingxelo yophicotho lwenkcazelo yokuhamba koMsebenzi ngoNyaka

Uqwalaselo lwemo kunye neNtshayelelo

10. Ngokuhambelana noMthetho waseMzantsi Afrika woPhicotho-zincwadi zikaRhulumente (Umthetho onguNomb. 25 wango-2004), (PAA) ukukhutshwa kwesaziso jikelele ngokwemigaqo yoko, uxanduva lwam kukunika ingxelo zokufunyanisiweyo kwiimpahla zecandelo kwingxelo yenkcazelo yokuhamba komsebenzi ngokweenjongo ebezike zakhankanywa kwangaphambili zeenkqubo ezikhethekileyo nokuchaziwe kwingxelo yokuhamba komsebenzi ngonyaka. Ndisebenzise iinkqubo ezifanelekileyo ukuchonga okufunyanisiweyo kodwa hayi ukuhlanganisela ubungqina bokunika isiqinisekiso soko.
11. Iinkqubo zam zichaza ngolwazi olufumanekileyo lwenkcazelo yokuhamba komsebenzi, nekufuneka isekelwe phezu kolwazi lwamaxwebhu avunyelweyo esicwangciso sokwenziwa komsebenzi kwiqumrhu. Andilwenzanga uhlolo lokugqibelela nokufaneleka kwezalathiso zokuhamba komsebenzi eziqulathwe kumaxwebhu esicwangciso. Iinkqubo zam azibanga nakufikelela nakweyiphina imiba ethe yachazwa okanye ukubanga amagunya anxulumene nezicwangciso buchule sokwenziwa komsebenzi kunye neenkukacha ezimalunga nexesha elizayo apho kunokuthi zikuqukwe njengenxalenye yale ngxelo ifumanekileyo yokuhamba kwemisebenzi. Malunga noku, ulwazi endilufumeneyo alufikeleli kule miba.
12. Ndilwenzile uvavanyo lokufaneleka nokuba nokusetyenziswa nokuthembeka kolwazi olufumanekileyo lokwenziwa komsebenzi ngokuhambelana noludwe loluhlu lolawulo lokwenziwa komsebenzi nesikhokelo sokunika ingxelo, njengokuba sicacisiwe kwisaziso jikelele, ukulungiselela le njongo ichongiweyo ilandelayo ichazwe kwinkcazelo yokuhamba komsebenzi ngonyaka kwiSebe ekupheleni konyaka ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2018:

Injongo eCwangcisiweyo	Amaphepha akwingxelo yokuhamba komsebenzi yoNyaka
Ukulondoloza, ukukhuthaza nophuhliso lweNkcubeko nemisebenzi yobugcisa ngokusebenzisana namaBhunga enkcubeko, ulawulo lwamaziko enkcubeko, nekomiti yezalathiso yenkqubo yongeniso.	19 - 21

13. Ndisebenzise iinkqubo zengqiqo yokuqonda ukuba ingaba ingxelo yeenkcukacha ezifumanekileyo zokuhamba komsebenzi zichazwe ngokufanelekileyo kwanokuba umsebenzi ungqinelana namaxwebhu esicwangciso sokwenziwa komsebenzi esivunyiweyo. Ndisebenzise kwanezinye iinkqubo ezongezelelweyo ukufumana ingqiqo yokuba ingaba izalathiso nezijoliso ezinxulumene nazo kwenziwe umlinganiselo wazo ngokufanelekileyo, uhlalutyo lokufaneleka kwengxelo efumanekileyo yokwenziwa komsebenzi ukufumanisa ukuba ingaba zilungile ngokusemthethweni, zichanekile kwaye zigqityezelwe.
14. Andibanga nasiphakamiso semiba efunyanisiweyo ekusetyenzisweni okuluncedo nakwintembeko yengxelo yokuhamba komsebenzi ngale njongo ilandelayo:
- Ukulondoloza, ukukhuthaza nokuphuhlisa umsebenzi wobugcisa neNkcubeko ngokusebenzisa amabhuga enkcubeko, abaphathi bolawulo lwamaziko enkcubeko, nokuqaliswa kwekomiti yesikhokelo songeniso.

Eminye imiba

Ukufezekiswa kwezijoliso ezicwangcisiweyo

15. Jonga kumaphepha 19 ukuya kuma-21 ukufumana inkcazelo yokufezekisiweyo kwizijoliso ezicwangcisiweyo zonyaka nengcaciso yokuphunyezwe ngokugqithisileyo kwenani lezijoliso.

Ingxelo yophicotho lokuthobela uviso-mithetho

Uqwalaselo lwemo kunye nentshayeleyo

16. Ngokuhambela nePAA nesaziso jikelele esikhutshwe malunga noko, uxanduva lwam kukunika ingxelo yemiba efunyanisiweyo yokuthobela imithetho yequmrhu emalunga nemiba ethile engundoqo yowiso-mithetho. Ndisebenzise iinkqubo zokuchonga okufunyanisiweyo kodwa hayi ukuhlanganisela ubungqina bokunika isiqinisekiso soko.
17. Andichonganga naziphina iimeko zokungathobelani nemithetho yemiba ethile yowiso-mithetho olungundoqo oluchazwe kwisaziso jikelele esikhutshwe ngokwemigaqo yePAA.

Ezinye iinkcukacha

18. IZiphath'amandla ezinika iNkcazo zinoxanduva lwezinye iinkcukacha. Ezinye iinkcazelo ziquka ulwazi olufakwe kwingxelo yonyaka. Olunye ulwazi olufumanekileyo aluquki zingxelo

zemali, ingxelo yomphicothi-zincwadi neenjongo ezikhethekileyo nezichazwe kwingxelo yokuhamba komsebenzi ngonyaka nokuchaziweyo kule ngxelo yomphicothi-zincwadi.

19. Imbono yam malunga neengxelo zemali nemiba efunyanisiweyo kulwazi lokwenziwa komsebenzi nokuthobela uwiso-mithetho aluqulathi ezinye iinkcukacha kwaye andiniki luvo lophicotho-zincwadi okanye nabuphina ubungqina besiqinisekiso soko.
20. Ngokunxulumene nophicotho-zincwadi endilwenzileyo, uxanduva lwam kukufunda olunye ulwazi kwaye, ngokwenza njalo, ndisebenzisa ingqiqo yokuba ingaba ezinye iinkcukacha azingqinelani kusinina neengxelo zezimali neenjongo ezikhethiweyo ezichaziwe kwingxelo yokuhamba komsebenzi ngonyaka, okanye ulwazi lwam lophicotho-zincwadi olufumaneke kwangaphambili, okanye olubonakala ngathi luyimpazamo.
21. Ukuba lusekelwe phezu komsebenzi endiwenzileyo, wenkcazelo eyenye efumaneke kwangaphambili komhla wengxelo yomphicotho-zincwadi, Ndigqibezela ngelithi, kukho isiphoso esikhoyo kwiingxelo zemali kwezinye iinkcukacha ezifunyenweyo, kwaye kufuneka ndinike ingxelo yoko.

Iintsilelo kulawulo lwangaphakathi

22. Ulawulo lwangaphakathi ndilufumanisa lufanelekile kuphicotho-zincwadi lwam lweengxelo zemali, ngokwengxelo yenkcazelo yokuhamba komsebenzi nokuthobela umthetho osetyenziswayo; kananjalo, injongo yam ayikokunika naluphina uhlobo lwesiqinisekiso malunga nalo. Andichonganga nayiphina intsingiselo yokusilela kulawulo lwangaphakathi

Cape Town

31 KweyeKhala 2018



A U D I T O R - G E N E R A L
S O U T H A F R I C A

Auditing to build public confidence

Isihlomelo – Uxanduva loMphicothi-zincwadi Jikelele kuphicotho

1. Njenge nxalenye yophicotho-zincwadi ngokuhambelana neISA, ndisebenzisa imiqathango yokwenziwa komsebenzi wobuchule bobugcisa kwaye ndibano kuthandabuza kulo lonke uphicotho lwam lweengxelo zemali, kwaneenkqubo ezisetyenziswayo kwingxelo efumanekileyo yokuhamba komsebenzi wokufezekisa iinjongo kwanokuthobela umthetho kwequmrhu malunga nemiba engundoqo echongiweyo.

lingxelo zeMali

2. Ukongeza kuxanduva lwam loMphicotho lweengxelo zemali njengokuba kuchaziwe kwingxelo yomphicothi-zincwadi, Ndikwa:
 - ukuchonga nokuhlalutya imingcipheko yemiba ekusenokwenzeka ukuba ayikhankanywanga kwiingxelo zemali nokuba kungenxa yobuqhinga okanye impazamo, ndihlanganisela ndisebenzise iinkqubo zophicotho ngokweemfuno zokuhlangabezana nemingcipheko enokuthi ivele, ndifumane nobungqina bophicotho olugqibeleleyo nolufanelekileyo ukunika isiseko soluvo lwam. Umgcipeko wokungabi nakuchonga imiba engachanekanga okubangelwa bubuqhetseba ungaphezulu kunalowo ufumaneke ngempazamo, ngenxa yokuba ubuqhophololo busenokubandakanya unguqzulwano, ukuqhatha, ukwenza iziphoso ngabom, ukubhala ngokungachanekanga, okanye ukungananzwa kolawulo lwangaphakathi.
 - ndifumene ukuqonda ngolawulo lwangaphakathi olunxulumene nophicotho ukuze ndiyile iinkqubo ezifanelekileyo zophicotho nezilungele iimeko ezithile, kodwa hayi ngenjongo yokunika uluvo lokusebenza ngempumelelo kolawulo lwangaphakathi lwequmrhu.
 - Ndavavanya ukufaneleka kwemigaqo-nkqubo yokunika inkcaza nesetyenziswayo nengqiqo yoqikelelo lokunika inkcazo nokukhankanya nemiba echaphazelwe Ziziphath' amandla zoLawulo lokunika Inkcazo.
 - Ndathatha izigqibo malunga nokufaneleka kweZiphath' amandla eziNika iNkcaza ngokwesiseko senkxalabo ezisoloko zikhona zokunika inkcazelo kulungiselela lweengxelo zemali. Ndikwagqibezela ngelithi, ngokusekelwe kubungqina bophicotho obufumanekileyo, nokuba kukho intandabuzo ekhoyo malunga nokufunyanisiweyo okunxulumene neziganeko okanye iimeko ezinokubangela ukuthandabuza ngokubanako kwequmrhu ukuqhubela phambili ngokwesiseko seenkxalabo ezisoloko zikhona. Xa ndithatha isigqibo sokuba kukho isiphoso kokufunyanisiweyo, kufuneka ndithathele ingqalelo kwingxelo yophicotho lwam ngokunxulumene nokubhenbgeziweyo kwiingxelo zemali malunga nokungaqiniseki ngokufunyanisiweyo kuphicotho okanye, ukuba iinkcazelo ezinjalo azingqinelani, ndinokutshintsha uluvo lwam ngeengxelo zemali. Ukuthatha kwam izigqobo kusekelwe kulwazi endilufumeneyo ngomhla wokunika ingxelo yophicotho. Kankanjalo, iimeko nezehlo ezinjalo zingabangela ukuseilela kwingqikelelo yokuhamba kakuhle kwemisebenzi yequmrhu lingabinakuqhuba kakuhle.
 - ndavavanya yonke inkcazelo efumanekileyo, ubume nokuqulathwe kwiingxelo zemali, kuquka okubhengeziweyo, kwanokuab ingaba iinkcazelo ngezimali zibonakalisa zibonakalisa konke okwenziwe ngemali neziganeko ngendlela yokufezekisa inkcazelo eyamkelekileyo.

Uqhagamshelwano nabomsebenzi wolawulo

